
# IKOTA 3 AMABALI





Le bhatyi yeyam! 1


Ibhulukhwe endifaneleyo 15


Ibali likamakhulu wam 29


Isuphu yamatye kamakhulu 37


Masidlale uBhathi 51


Udyabhadyabha ngosuku lweNtlakohlaza 63


Igama lam nguBuhlebendalo 77


Isikipa esitsha sikaLumka 91

IBALI 1

# LE BHATYI YEYAM!

Umxholo: Impahla yethu



---



### Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liza kunceda abafundi baqonde ukuba abantwana bayakhula bashiywe yimpahla yabo. Amaxesha amaninzi xa umntwana omnye eshiywa yinto enxitywayo, igqithiselwa komncinci kunaye inxitywe nguye. Kungabonakala njengento enzima xa sishiywa yinto yethu enxitywayo esiyithandayo - size sibone umntwana wasekhaya eyinxiba.



### Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Ebusika, sinxiba uhlobo oluthile lweempahla ezikhethekileyo ezifana neminqwazi, iijezi, iibhatyi neekawusi ukuze sizigcine sifudumele.
- Abantwana bayakhula ngalo lonke ixesha, kwaye njengoko besiba bakhulu bayashiywa ziimpahla zabo.
- Iimpahla ezincinci kakhulu zingakuqinisa uzive ungakhululekanga, kwaye kunganzima ukushukuma xa uzama ukuzinyanzela kuzo.
- Abantakwethu abancinci ngamanye amaxesha banxiba iimpahla abazishiyelwe ngabakhuluwa okanye oodade abadala.



### Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Yiba nomfanekiso-ngqondweni

- Yintoni: Kukuba nomfanekiso-ngqondweni wento eyenzekayo ebalini.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukwenza ibali livakale linobunyani kwaye linika umdla.
- Inceda njani: Ikunceda uqonde indlela ababonakala ngayo abalinganiswa neendawo kwaye kwenza ibali licace.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

| Iphepha nomhlathi | Funda | Yithi |
|---|---|---|
| 4,1 | ULilitha waphuma ebhedini. Wanxiba ijini yakhe.<br><br>Wanxiba ihempe kunye nejezi.<br><br>Wanxiba iikawusi nezihlangu.<br><br>Wanxiba umnqwazi ofukufuku. | Ndizenzela umfanekiso-ngqondweni kaLilitha ezama ukunxiba ngokukhawuleza kangangoko anako kuba egodola! |
| 10,3 | "Lilitha, wenza ntoni kwezo mpahla zindala?" wabuza umama wakhe. "Ezo mpahla azisakulingani ngoku!" | Ndiyakwazi ukuzenzela umfanekiso-ngqondweni weempahla ezincinci, ezimbambileyo, zikhangeleka njengempoxo kuLilitha! |

ULilitha wavuka kusasa ngoMgqibelo engcangcazela kukugodola. “Eyi! Kanene kusebusika ngoku!” wacinga njalo. “Okuhle kukuba ndiza kunxiba ibhatyi yam endiyithandayo!” ULilitha wancuma njengoko ecinga ngebhatyi yakhe entle. Yayiyibhatyi emthubi ehonjiswe ngeentyatyambo ezipinki nezibomvu indawo yonke. Yayinamaqhosha amakhulu apepuli. Yayishushu ifukufuku ngaphakathi.



ULilitha waphuma ebhedini.
Wanxiba ijini yakhe.



Wanxiba ihempe
kunye nejezi.

Wanxiba iikawusi nezihlangu.

Wanxiba umnqwazi
ofukufuku.

Emva koko, waya ekhabhathini apho umama wakhe wayegcina khona iibhatyi zasebusika. Ibhatyi yakhe ayithanda kunene yayingekho!

“Mama!” wakhwaza uLilitha. “Iphi ibhatyi yam?” Kodwa akuzange kubekho mpendulo.



ULilitha waphuma phandle. Ingca elele iqabaka yakrwabaza phantsi kweenyawo zakhe. “Mama!” wakhwaza uLilitha. “Iphi ibhatyi yam?” Kodwa akuzange kubekho mpendulo.



ULilitha wavula ucango lwasekhitshini. “Mama!” wasebeza ngoku uLilitha. “Iphi ibhatyi yam?” Kodwa akuzange kubekho mpendulo.



“Mhlawumbi umama ukunye noMama uNtsiki,” wacinga njalo uLilitha. Kodwa phambi kokuba aye kufika endlwini kaMama Ntsiki, wabona udade wabo omncinane uNomaphelo enxibe ibhatyi entle emthubi eneentyatyambo ezipinki nezibomvu, enamaqhosha amakhulu apepuli. “Eshee! Yibhatyi yam leyo!” wacinga njalo uLilitha. ULilitha wayeqhaqhazela yingqele. Wayengafuni kulwa nodade wabo phandle engqeleni. Wabaleka wagoduka. “UNomaphelo lisela! Ndiyacinga, ingaba yintoni enye andibele yona?” wacinga njalo uLilitha enomsindo.



Waya egumbini lokulala wavula idrowa ephezulu. ULilitha wafumana ilokhwe yakhe endala eluhlaza enemigca ebomvu. “Eshee!” wacinga njalo uLilitha, “yilokhwe yam le!” Wayikhupha edrowini wayinxiba. Yayimbamba imqinisa!






ULilitha wavula idrowa yesibini. Wafumana ijezi yakhe epinki. “Eshee!” wacinga njalo uLilitha, “yijezi yam le!” Wayikhupha edrowini wayinxiba. Yayimfutshane kakhulu!

Wavula idrowa yesithathu. Wafumana ibhulukhwe yakhe enombala oluhlaza oqaqambileyo. “Eshee!” wacinga njalo uLilitha, “yibhulukhwe yam le!” Wayikhupha edrowini wayinxiba. Yayimqinisa kakhulu! Akazange akwazi ukuyiqhobosha.

ULilitha wazama ukuvula idrowa esezantsi kodwa akazange akwazi ukugoba ngenxa yeempahla awayezinxibile ezazimqinisile. Kanye ngelo xesha wangena umama wakhe egumbini lokulala.

Umama wakhe waphela yintsini. “Lilitha, wenza ntoni kwezo mpahla zindala?” wabuza umama wakhe. “Ezo mpahla azisakulingani ngoku!”



“UNomaphelo uzibe zonke iimpahla zam!” watsho uLilitha, “nditsho nkqu nebhatyi yam endiyithanda kakhulu!”

“Oo Lilitha,” waphendula umama wakhe, “Uzinikwe ndim! Uyakhula kaloku wena!” Umama kaLilitha wavula iwodrophu wakhupha isingxobo seplastiki. Wasinikezela kuLilitha.



ULilitha wasivula isingxobo seplastiki wakhupha ibhatyi entsha kraca. Yayiluhlaza ineenkwenkwezi ezimthubi nezipepuli. Yayinamaqhosha amakhulu abomvu. Yayifudumele ifukufuku ngaphakathi. Yayiyeyona bhatyi yakhe yantle kwawakhe wazibona uLilitha! Wayinxiba. Yamlingana twatse.



Ngosuku olulandelayo uLilitha wanxiba esiya ecaweni. Wanxiba ibhatyi yakhe entsha kraca waphuma phandle. UNomaphelo wamjonga. “Ndiyayifuna nam le bhatyi,” watsho uNomaphelo, “yeyona bhatyi intle kwendakha ndazibona!”

ULilitha wajikelisa ingalo yakhe wagona udade wabo. “Ungakhathazeki Nomaphelo. Ngenye imini le dyasi iya kuba yeyakho.”





## Ufundo 1

**Wayekhangela ntoni uLilitha?**
Wayekhangela ibhatyi yakhe.

**Wayifumana phi ibhatyi yakhe?**
Wafumana udade wabo uNomaphelo eyinxibile.

**Kwakutheni ukuze uLilitha athi udade wabo lisela?**
- Kuba udade wabo wayenxibe ibhatyi yakhe endala.
- Kuba akazange aqonde ukuba umama wakhe nguye onike uNomaphelo ibhatyi.
- Kuba wayecinga ukuba uNomaphelo uyibile ibhatyi yakhe ayithandayo.
- Kuba akazange aqonde ukuba le bhatyi yakhe incinci kuye ngoku.
- Kuba wayengayazi into yokuba umama wakhe umthengele ibhatyi entsha.



## Ufundo 2

**Wafumana ntoni uLilitha kwiidrowa zikaNomaphelo?**
Wafumana ilokhwe yakhe eluhlaza enemigca ebomvu, ijezi yakhe epinki kunye nebhulukhwe yakhe eluhlaza.

**Wakhe washiywa yinto yokunxiba? Kwenzeka ntoni kuyo?**
Ngexesha endandisiywe yinto yokunxiba...

**Kwakutheni ukuze uLilitha athi kudade wabo ngenye imini ibhatyi entsha iya kuba yeyakhe?**
- Kuba uyaqonda ukuba iimpahla zakhe ziya kuNomaphelo kuba zincinci kuye.
- Kuba uyaqonda ukuba umama wakhe iimpahla ezincinci kuye uzinika uNomaphelo.
- Kuba uyaqonda ukuba uyakhula, kwaye zonke iimpahla zakhe ziya kuba ncinci kuye ngenye imini.
- Kuba uyazi ukuba ngenye imini nale bhatyi intsha iza kuba ncinci.

IBALI 2

# IBHULUKHWE ENDIFANELEYO

## Umxholo: Impahla yethu





### Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liza kunceda abafundi bakho baqonde ukuba abantwana bayakhula baze bashiywe yimpahla yabo - njengebali leveki edlulileyo: Le bhatyi yeyam. Kuwo omabini amabali, abalinganiswa abaziintloko bashiywa yimpahla ebebeyithanda ngaphambili. Bobabini ekugqibeleni bafumana into entsha enxitywayo abayithandayo.



### Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Abantwana bayakhula ngalo lonke ixesha, njengoko besiba bakhulu ziyabashiya iimpahla zabo.
- Iimpahla ezahlukileyo zihlala kwaye zivakala ngendlela eyahlukileyo emzimbeni (ziyabamba, ziwakuwaku, ziyaqina, zithambile) Impahla yenziwa ngeendidi ezahlukileyo zamalaphu anegalelo kwindlela ezivakala ngayo.
- Iivenkile zinamagumbi okulinganisa apho ulinganisa khona iimpahla phambi kokuzithenga, ukuqinisekisa ukuba ziyakulingana kwaye uyazithanda indlela ezikhangeleka nezivakala ngayo.
- Kuqhelekile ukutshintsha izinto esizithandayo njengoko sikhula silinge izinto ezintsha.



### Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Yenza unxulumaniso

- Yintoni: Kukucinga indlela ibali elinxulumana ngayo nobomi bakho, ezinye iincwadi okanye ihlabathi.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuqonda nokulandela ngcono ibali ngokulinxulumanisa nezinto osele uzazi.
- Inceda njani: Yenza ibali libe nentsingiselo kwaye kube lula ukulikhumbula.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

| Iphepha nomhlathi | Funda | Yithi |
|---|---|---|
| 17,1 | Kodwa inyaniso yayikukuba ibhulukhwe yakhe yayingasamlingani. Yayiziinyanga ezinyanzela kuyo. Wakwenza oku de ngenye imini laqhawuka iqhosha layo. | Ndiyakwazi ukwenza unxulumaniso phakathi kwamabali ethu amabini. Bobabini uLilitha noFeziwe bashiywe yenye yeempahla zabo abazithandayo. |
| 18,1 | UFeziwe wazama ukuyigqumа kodwa wathi akuyibona umama wakhe waphela yintsini.<br><br>"Nantso ke! Lifikile ixesha lokufumana ibhulukhwe entsha!" watsho. | Ndiyakwazi unxulumano phakathi kwamabali ethu amabini. Bobabini umama kaFeziwe nomama kaLilitha bayahleka bakubona abantwana babo bezama ukuzinyanzela ezimpahleni ezisangabalinganiyo. Bayahleka kungengakuba abalunganga, kodwa babonisa ukuba umntwana uyahlekeka ngokuzama ukuzinyanyela kwimpahla encinci kakhulu. |

UFeziwe wayengayithandi impahla entsha. Wayethanda ukuva ukuthamba kwempahla yakhe awayeyinxibe yaza yahlanjwa imihla nezolo. Kodwa inyaniso yayikukuba ibhulukhwe yakhe yayingasamlingani. Yayiziinyanga ezinyanzela kuyo. Wakwenza oku de ngenye imini laqhawuka iqhosha layo.



UFeziwe wazama ukuyigqumа kodwa wathi akuyibona umama wakhe waphela yintsini.

“Nantso ke! Lifikile ixesha lokufumana ibhulukhwe entsha!” watsho.



Emva kweentsukwana, wathi uFeziwe notata wakhe bakuya ezivenkileni kunye waqumba yonke loo ndlela. “Andifuni bhulukhwe intsha mna!” wacinga njalo.



Utata kaFeziwe wamncedisa ukuthatha iindidi ezahlukileyo zeebhulukhwe ezimlinganayo. Wazithatha waya nazo kwigumbi lokulinganisa.

“Ndiza kuma apha ngaphandle. Utsho xa ufumene ibhulukhwe oyithandayo,” watsho.



Ekuqaleni uFeziwe walinganisa ibhulukhwe efanelekileyo emnyama.

“Mhlawumbi ayikho mbi, iza kundilungela,” wacinga njalo njengoko eyithatha kwihengari yayo. Wathi akuyilinganisa, ilaphu lamenza akaziva ekhululekile. Lalivakala liburhabaxa kwaye likrwempa emzimbeni wakhe.

“Andiyifuni ibhulukhwe entsha mna!” wacinga njalo.



Okulandelayo, uFeziwe walinganisa ijini eyenza umfaneleko enombala oluhlaza ngamandla.

“Mhlawumbi ndakukhangeleka ngcono kule?” wacinga njalo njengoko wayeyothula kwihengari yayo. Kodwa wathi akuyinxiba weva indlela eliqine ngayo ilaphu layo. Wayengakwazi nokushukuma. Wathi akuzama ukuchopha yamsika esinqeni le bhulukhwe.

“Andiyifuni ibhulukhwe entsha mna!” wacinga njalo.



Emva koku, uFeziwe walinganisa ibhulukhwe ebomvu ngokuqaqambileyo.

“Mhlawumbi le iza kuhlala kakuhle?” wacinga njalo njengoko eyothula kwihengari yayo. Kodwa wathi akuyilinganisa wayiva iwakuwaku kakhulu, imsinda. Wayenexhala lokuba ingehla iyokuphuma ezantsi xa ebaleka okanye edlala eyinxibile.

“Andiyifuni ibhulukhwe entsha mna!” wacinga njalo.



“Uqhuba njani apho ngaphakathi?” wakhwaza utata kaFeziwe engaphandle kwegumbi lokulinganisa.

“Andiyifumani ibhulukhwe endiyithandayo,” watsho enxiba ibhulukhwe yakhe endala emfanelayo.



Akufika kutata wakhe uFeziwe, wayemi ecaleni koluhlu lweziketi eziwatyilili, ezinemibalabala. Amehlo kaFeziwe akhanya akhazimla. “Zinjani zona ezi?” wabuza uFeziwe, “Ndingazilinganisa zona iziketi?”

“Uthanda zona ngaphezu kweebhulukhwe?” wabuza utata waza uFeziwe wanqwala evuma.



Wathi akulinganisa isiketi sokuqala uFeziwe waqonda kwangoko ukuba sifanelekile. Ilaphu lalithambe ngendlela ayithandayo. Lalivakala ngathi yisilika kufele lwakhe. Esi siketi sasingamqinisanga. Wathi akuhlala phantsi savuma kakuhle kwiindawo ezifanelekileyo. Sasimenza azive ekhululekile, kanye ngohlobo awayeziva ngalo kwibhulukhwe yakhe endala.

UFeziwe zange ayifumane ibhulukhwe efanelekileyo, kodwa wafumana isiketi esifanelekileyo.





Ufundo 1

**Luhlobo luni lwebhulukhwe olwalinganiswa nguFeziwe?**
Walinganisa ibhulukhwe emnyama, ijini eluhlaza ngamandla nebhulukhwe ebomvu ngokuqaqambileyo.

**Wafumana ntoni uFeziwe evenkileni?**
Wafumana isiketi esitsha esimfanelayo.

**Kwakutheni ukuze uFeziwe angathengi ibhulukhwe entsha?**
- Kuba wathenga isiketi endaweni yayo.
- Kuba wayengaziva ekhululekile kuzo zonke iibhulukhwe, kodwa waziva efanelekile kwaye ekhululekile akulinganisa isiketi.
- Kuba ibhulukhwe emnyama awayilinganisayo yayirhabaxa irhwexa kufele lwakhe.
- Kuba ijini eluhlaza awayilinganisayo yayimqinisa.
- Kuba ibhulukhwe ebomvu awayilinganisayo yayiwakuwaku imsinda.
- Kuba waziva efanelekile akunxiba isiketi.



Ufundo 2

**Ucinga ukuba waziva njani uFeziwe lakuqhawuka iqhosha lebhulukhwe yakhe?**
Ndicinga ukuba waziva engonwabanga/ ecaphuka/ekhathazekile emoyeni.

**Ucinga ukuba uFeziwe waziva njani akufumana isiketi asithandayo ekugqibeleni?**
Ndicinga ukuba waziva onwabile/ lihlile ixhala.

**Kwakutheni ukuze uFeziwe azive ekhathazekile emoyeni?**
- Kuba waqhawukelwa liqhosha lebhulukhwe yakhe ayithanda kunene.
- Kuba wayengafuni ukuya evenkileni aye kuthenga ibhulukhwe entsha.
- Kuba wayekhumbula ibhulukhwe yakhe emfanelayo endala.
- Kuba wayengafuni kufumana ibhulukhwe entsha – wayenqwenela ukunxiba ibhulukhwe yakhe endala emfaneleyo.
- Kuba zonke iibhulukhwe awazilinganisayo zazingafani nebhulukhwe yakhe endala.
- Kuba zonke iibhulukhwe awazilinganisayo zange zimenze azive ngendlela ayithandayo.
- Kuba ibhulukhwe emnyama awayilinganisayo yayirhabaxa irhwexa kufele lwakhe.
- Kuba ijini eluhlaza awayilinganisayo yayiqinile.
- Kuba ibhulukhwe ebomvu awayilinganisayo yayimsinda iwakuwaku.

# IBALI 3
# IBALI LIKAMAKHULU WAM



## Umxholo: Oomakhulu bethu



### Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liza kunceda abafundi bakho babone indlela oomakhulu abanokufundisa ngayo abantwana ngenkcubeko, izinyanya kunye namasiko, baze baqonde ukuba kubalulekile ukukhumbula nokuhlonipha ulwazi nemithetho yentlalo egqithiselwe kuthi ngeentsapho zethu.



### Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Qwalasela ukuqonda

- Yintoni: Kukujonga indlela oqonda ngayo njengoko ufunda, unqumama xa kukho nto ongayiqondiyo.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuqaphela xa ungaqondi, ulungise.
- Inceda njani: Ikugcina uxakekile kwaye iphuhlisa ukuqiqa nokuqonda ngokuthi ilungise oko ungakuqondiyo ngoko nangoko.



### Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Iintsapho zidlulisela izakhono namasiko zisusela kwisizukulwana esinye zise kwesilandelayo. Ngamanye amaxesha ootatomkhulu noomakhulu bafundisa abantwana izinto abazifunde kubazali okanye ootatomkhulu noomakhulu babo. Oku kunceda ekugcineni amasiko ephila.
- Abantu bangasebenzisa izinto zendalo ekwenzeni izinto eziluncedo. Udongwe luhlobo lomhlaba olunokubunjwa lube ziimbiza nezinye izixhobo.
- Ukubumba udongwe sisakhono esifundwa ngokuziqhelanisa. Abantu kuqheleke ukuba kufuneke baziqhelanise amathuba ngamathuba phambi kokuba babe ziincutshe.
- Xa udongwe lumanzi, luthambile kwaye kulula ukulubumba. lube yimilo ethile. Lwakoma, luyaqina luze lugcine imilo yalo.Ukuba udongwe olumanzi lufunyenwe yimvula, lungaphinda luthambe kwakhona ze lulahlekelwe yimilo.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

| Iphepha nomhlathi | Funda | Yithi |
|---|---|---|
| 31,1 | ULungi wayengazange wakhe wayibona into entle ukodlula iimbiza ezazisenziwa ngumakhulu wakhe. Umakhulu wakhe wayedibanisa udongwe oluvela emhlabeni. Oku kwakukhangeleka njengomlingo kuLungi. “Ndifuna ukwenza iimbiza njengawe,” watsho uLungi kumakhulu wakhe. | Makhe ndime ndicinge… Mandikhangele ukuba ndiyaqonda: Ucinga ntoni uLungi ngeembiza zikamakhulu wakhe? Oo, ndiyaqonda. Ucinga ukuba zintle ngeyona ndlela kangangokuba naye ufuna ukwenza iimbiza. |
| 34,1 | Waza umakhulu wambonisa uLungi indlela yokuxubela udongwe emhlabeni. Wambonisa indlela yokubumba imbiza ngobunono ngokuyijikelezisa imijikelo ngemijikelo. Wambonisa uLungi indlela yokukrwela wenze imizobo emihle kwimbiza ukuyenza ntle ibukeke. Wambonisa indlela yokubeka iimbiza elangeni ze zome. | Makhe ndime ndicinge…Makhe ndikhangele ukuba ndiyaqonda: Manyathelo mani ekufuneka uLungi ewalandele ukwenza imbiza? Okokuqala, kufuneka axube udongwe olusuka emhlabeni, emva koko kufuneka abumbe imbiza, emva koko kufuneka akrwele umzobo embizeni yakhe, aze ekugqibeleni angayibeka phandle elangeni ukuze yome. |

ULungi wayengazange wakhe wayibona into entle ukodlula iimbiza ezazisenziwa ngumakhulu wakhe. Umakhulu wakhe wayedibanisa udongwe oluvela emhlabeni. Oku kwakukhangeleka njengomlingo kuLungi. “Ndifuna ukwenza iimbiza njengawe,” watsho uLungi kumakhulu wakhe.

Umakhulu wancuma. “Yinto entle kakhulu leyo,” wamkhuthaza. “Nam ndafunda ukwenza iimbiza kanye xa ndandingangawe.”



“Xa ndandineminyaka esibhozo njengawe, ndandisoloko ndibukela umama esenza iimbiza zomdongwe. Wayexuba udongwe oluvela emhlabeni. Wayebumba iimbiza ngezandla zakhe aze azibeke elangeni zome. Mhla ndenza imbiza yam yokuqala wandibonisa indlela yokubumba imbiza ngokuyijikelezisa ngobuchule imijikelo ngemijikelo. Wandibonisa indlela yokukrwela wenze imizobo uyenze ibukeke. Waza wandibonisa nendlela yokuyibeka elangeni ukuze yome. Kodwa ngobo busuku, ngexesha ndandilele, yaqalisa imvula!”

“Ndathi xa ndivuka ndothuka. Yayinyamalele imbiza yam. Into eyayisele yayingumzila womhlaba obomvu unkcenkceza usiya esitiyeni. Imbiza yam yokuqala yayitshabalele!” wahleka umakhulu.



ULungi wahlala nomakhulu waza wazama ukwenza umfanekiso-ngqondweni wakhe eyintwazana encinane. “Kwakutheni ukuze ungamfundisi umama?” wabuza uLungi.

“Oo ndazama Lungi,” wahleka umakhulu. “Kodwa, umama wakho wayengakuthandi ukwenza iimbiza. Wayethanda ukudanisa – wazithathela leyo inkcubeko ke yena.”



Waza umakhulu wambonisa uLungi indlela yokuxubela udongwe emhlabeni. Wambonisa indlela yokubumba imbiza ngobunono ngokuyijijikelezisa imijikelo ngemijikelo. Wambonisa uLungi indlela yokukrwela wenze imizobo emihle kwimbiza ukuyenza ntle ibukeke. Wambonisa indlela yokubeka iimbiza elangeni ze zome.

"Uza kudinga ukuziqhelisa amathuba amaninzi," wacacisa umakhulu. ULungi nomakhulu benza iimbiza kunye imini yonke.




Zathi zakoma zibengezele zonke iimbiza zikaLungi, uLungi wachonga yanye eyona wayezingca ngayo.

“Ndingayigcina endlwini le?” wabuza uLungi kumakhulu.

“Kutheni ufuna ukuyingenisa ngaphakathi?” wabuza umakhulu.

ULungi wajonga phezulu esibhakabhakeni. Kwakukho amafu kude phaya. “Andifuni ukuba inyibilike imke namanzi emvula ixele imbiza yakho yokuqala,” wacacisa njalo uLungi.





Ufundo 1

**Yintoni eyona nto intle awakhe wayibona uLungi?**
Ziimbiza zikamakhulu wakhe.

**Wayeneminyaka emingaphi ubudala umakhulu ukufunda kwakhe ukubumba iimbiza?**
Umakhulu wayeneminyaka esibhozo, njengoLungi.

**Kutheni uLungi efuna ukuba umakhulu amfundise ukubumba iimbiza?**
- Kuba ucinga ukuba iimbiza zikamakhulu wakhe zintle.
- Kuba uyambuka umakhulu – ufuna ukufana naye!
- Kuba umama kaLungi akakwazi yena ukubumba iimbiza – kufuneka efunde kumakhulu.
- Kuba ukubumba iimbiza asiyonto ilula – kufuneka uyiboniswe ngumntu into emawuyenze.



Ufundo 2

**Wafundiswa ngubani umakhulu ukubumba iimbiza?**
- Wafunda ukubumba iimbiza kumama wakhe.

**Kutheni uLungi yena engafundanga ukubumba iimbiza kowakhe umama?**
Kuba umama wakhe akazange akufunde ukubumba iimbiza.

**Kutheni uLungi efuna ukuyingenisa endlwini eyona mbiza ayithandayo?**
- Kuba imbiza yokuqala kamakhulu yatshatyalaliswa yimvula.
- Kuba ezi zimbiza zokuqala uLungi awakhe wazenza. Zikhethekile ngenxa yeso sizathu.
- Mhlawumbi uLungi ufuna ukubonisa umama wakhe ukuba ekugqibeleni naye uyakwazi ukubumba eyakhe imbiza.
- Kuba uLungi ubona amafu. Ukhumbula ukuba imbiza yokuqala kamakhulu yatshabalala emvuleni. Akafuni ukuba imbiza yakhe yokuqala yehlelwe yiloo nto.

IBALI 4

# ISUPHU YAMATYE KAMAKHULU



Umxholo: Oomakhulu bethu



### Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liza kunceda abafundi baqonde ukuba abantu banokusebenzisa iimbono ezikrelekrele nokusebenza ngamaqela ukuncedana ngamaxesha anzima.



### Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Oomakhulu nootatomkhulu kunye nabantu abadala basoloko besebenzisa ubulumko babo, amabali, namava abo obomi ukukhokela bancede iintsapho zabo nabantu beendawo abahlala kuzo.
- Imvula ibalulekile kwizityalo ezikhulayo nasekondleni izilwanyana. Xa kukho imbalela (ixesha elide elinemvula encinci), abantu kunye nezilwanyana banokungabi nakutya kwaneleyo.
- Isuphu yenziwa ngokupheka izithako ezahlukileyo kunye embizeni, kukholise ukusetyenziswa umlilo. Isuphu ayisoloko iqulatha namatye.
- Abantu basekuhlaleni banokuncedana ngokwabelana ngoko banako. Xa wonke umntu enikezela ngokuncinane, oku kunokwenza into enkulu eluncedo kumntu wonke.



### Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Yenza uhlolo

- Yintoni: Kukuthatha isigqibo sokuba uyalithanda na ibali okanye izigqibo ezithatyathwe ngabalinganiswa.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuthatha ezakho izigqibo nokuqonda ibali ngokunzulu.
- Inceda njani: Inceda ucinge ngomyalezo webali kunye nokukholelwayo ngalo.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

| Iphepha nomhlathi | Funda | Yithi |
|---|---|---|
| 40,1 | Umakhulu kwakufuneka ecinge icebo ngokukhawuleza! Washukumisa isitulo sakhe esijuwuzayo. Phambili, emva, wasishukumisa njengoko wayecinga icebo. “Heke!” wakhwaza umakhulu, “Ndinecebo! Ayanda, lixesha lokwenza isuphu yamatye yodumo!” | Ndenza uhlolo lokuba umakhulu ka-Ayanda ukrelekrele. Ndicinga ukuba angasoloko esenza icebo, naxa ingamaxesha anzima! |
| 43,1 | “Umakhulu wenza isuphu yakhe yamatye encamise ngencasa!” UAyanda wachazela abemi belali. | Ndenza uhlolo lokuba uAyanda ukrelekrele njengomakhulu wakhe. Unecebo lokwenza bonke abahlali belali babe nomdla wokwazi ngesuphu kamakhulu ekhethekileyo. |

UAyanda nomakhulu wakhe babefile yindlala. Amaxesha ayenzima, imvula inqabile. Umbona wawungakhulanga, kwaye iinkomo zazibhityile. Akukho namnye kuloo lali owayenokutya awayenokuphisa ngako. Umakhulu wayekhathazekile. Yintoni awayenokuyenza? Imilenzana ka-Ayanda ebhityileyo yayisiba mincinane ngakumbi yonke imihla, wayengasakwazi ukubaleka ajikeleze edlala ukuphuma kwesikolo.



Umakhulu kwakufuneka ecinge icebo ngokukhawuleza! Washukumisa isitulo sakhe esijuwuzayo. Phambili, emva, wasishukumisa njengoko wayecinga icebo. “Heke!” wakhwaza umakhulu, “Ndinecebo! Ayanda, lixesha lokwenza isuphu yamatye yodumo!”



UAyanda wabasa umlilo. Umakhulu wabeka imbiza enkulu eziko wayizalisa ngamanzi. UAyanda waqokelela amatye ampuluswa emhlabeni owomileyo. “La matye aza kwenza isuphu encamise ngencasa.” UAyanda nomakhulu bahleka bonwabile! Umakhulu wagalela amatye emanzini.



“Ayanda, baleka ungene ilali uxelele wonke umntu ngale suphu yam incamise ngencasa,” watsho umakhulu. UAyanda wabaleka wangena ilali.



“Umakhulu wenza isuphu yakhe yamatye encamise ngencasa!” wachazela abemi belali.





“Isuphu yamatye?” wabuza utitshala. “Hayi andiyazi leyo.”

“Umakhulu udumile ngesuphu yakhe yamatye encamise ngencasa,” watsho uAyanda.

“Ewe? Ndiyithanda ngeyona ndlela loo suphu,” watsho umhlobokazi kamakhulu. “Ngokuqinisekileyo kufuneka ndifumane esam isitya.”



“Ndingangcamla?” wabuza umfama.

“Ivakala incamise ngencasa ngokwenene,” watsho umalusi.

“Injalo,” watsho uAyanda. UAyanda wacinga umzuzwana. “Kodwa ayanelanga ukuba singabelana,” watsho ekhangeleka ekhathazekile. Wonke umntu wayekhangeleka ekhathazekile. Babelambile nabo.

“Ndinecebo!” watsho uAyanda, “Ndiqinisekile ukuba umakhulu uza kwabelana ngesuphu yakhe. Kodwa kufuneka nonke nize nezithako zayo ezinencasa ukuze siyongeze. Iya kuthi ke yanele wonke umntu!”

“Ndingeza neetapile,” watsho utitshalakazi.

“Iminqathe ingongeza incasa,” watsho umfama.

“Ndinamatswele, singawagalela,” watsho umalusi.

“Mna ndiza kuxhela inkuku yam yokugqibela songeze kuloo mbiza,” watsho umhlobo kamakhulu.

Bonke abemi belali bakhawuleza ukuya ezindlwini besiya kukhangela oko babenokukufumana ukuze bagalele kuloo mbiza yesuphu yamatye incamise ngencasa.



Wenyuka umphunga uphuma embizeni. Umakhulu wazamisa wagalela ityuwa nezinongo. Elinjalo lona ukuba mnandi ivumba! Ummi welali ngamnye weza nemifuno ukuza kugalela embizeni yesuphu kamakhulu. Bathi njengoko begalela embizeni abemi belali laya liqina ivumba elimnandi!



Ekugqibeleni yayilungile isuphu. Wonke umntu weza nesitya waza wahlala phantsi bangqonga umlilo ukuze babelane ngalo ncamisa yesuphu yamatye kamakhulu. Yonela kwade kwafumana nenja ka-Ayanda!



Emva kweso sidlo sikhulu, umakhulu wabalisa ibali, uAyanda wacula ingoma baza bonke abantu babhiyoza. Yayisele ilixesha elide ukubona abantu belali behleli kunye besitya bencokola bonwabile.

“Inene sibe nosuku olumnandi!” watsho umfama.

“Siyabulela ngesuphu yamatye,” watsho umalusi.

“Usibonisile ukuba ukwabelana kusenza sibe nobutyebi ngakumbi,” watsho utitshalakazi.



UAyanda nomakhulu babelana ngoncumo lwabo oluyimfihlo.





Ufundo 1

**Weza nasiphi isithako utitshalakazi?**
Weza neetapile.

**Wongeza ntoni esuphini umfama?**
Weza neminqathe ukuze igalelwe kuyo.

**Ngubani oweza namatswele?**
Umalusi weza namatswele.

**Yintoni eyenza ukuba le suphu ibe nencasa engummangaliso?**
- Kuba ummi ngamnye welali weza nesithako.
- Kuba zonke izithako zazivakala zinencasa xa zidibene.



Ufundo 2

**Yintoni eyayibangela ixhala kumakhulu?**
Kuba wayengenakutya kwaneleyo kokunika umzukulwana wakhe.

**Wayephi umakhulu xa wayethatha isigqibo sokwenza isuphu yamatye?**
Wayehleli esitulweni sakhe esijiwuzayo.

**Baziva njani abemi belali emva kwesidlo esikhulu?**
Baziva bonwabile/behluthi.

**Sazi njani ukuba umakhulu noAyanda bakrelekrele?**
Siyazi ukuba bakrelekrele kuba...



IBALI 5

# MASIDLALE UBHATHI

## Umxholo: Sidlala phandle



### Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liza kunceda abafundi bakho baqonde ukuba abantu abavela kwiindawo ezahlukileyo banokusebenzisa amagama awohlukileyo bebiza umdlalo omnye. Inganako nokubanceda ekuqondeni ukuba ukudlala kunye kungasinceda sazi oko sifaniselana ngako.



### Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Thatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo

- Yintoni: Kukuqikelela izinto umbhali angazicacisanga ngokuthe ngqo, usebenzisa imikhondo esebalini.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuqonda intsingiselo enzulu nemiyalezo efihliweyo.
- Inceda njani: Kukunceda uthathe izigqibo njengoko ufunda, uze uqonde ngcono ibali nabalinganiswa.



### Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Iintsapho zisoloko zihambelana ngexesha leeholide. Ngexesha leeholide, abantwana abaninzi batyelela amalungu eentsapho afana noomakhulu nootatomkhulu, oomakazi, oomalume okanye abazala. Bangazenzela abahlobo abatsha ngexesha labo lotyelelo.
- Umdlalo omnye unganamagama awohlukileyo kwiindawo ezahlukileyo. Ngamanye amaxesha abantu kwiidolophu ezahlukileyo, iindawo zokuhlala okanye amazwe badlala umdlalo omnye kodwa bawubize ngamagama awohlukileyo.
- Kulula ukuba abantu bangaqondani. Ngamanye amaxesha abantu bacinga ukuba abavumelani kuba basebenzisa amagama awohlukileyo. Kodwa, xa bebuza imibuzo baze bacacise oko bakuxelayo, bafumanisa ukuba bathetha ngento enye.
- Imidlalo nezemidlalo ingayindlela elungileyo yokwenza unxibelelwano olutsha nabahlobo.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

| Iphepha nomhlathi | Funda | Yithi |
| --- | --- | --- |
| 53,1 | UBhongo wayehambele umakazi wakhe eSoweto ngexesha leKrisimesi, uBulelwa yena eye kubona umakhulu. UElihle yena wayehambele abazala bakhe. Esi sithathu sakhawuleza sangabahlobo. | Ndingazithathela isigqibo esisekwe kulwazi olusuka ebalini ndithi, bonke abantwana kweli bali bahlala kwezinye iindawo. Basanda kufika beze kwiholide kule ndawo inye. |
| 57,4 | “Lo mdlalo ufana twatse noToti! Ufanele ukuba ngumdlalo omnye,” wahleka watsho uBulelwa.<br><br>“Ukwafana noChicago,” watsho uElihle.  “Ingaba iyafana nangokuba xa kungekho lungu leqela lizidilizileyo iitoti, iqela eligibiselayo lifumana ithuba lokudlala?”<br><br>“Ewe,” watsho uBhongo.<br><br>“Loo nto ifana twatse noBhathi!” | Ndingazithathela isigqibo esisekwe kulwazi olusuka ebalini ndithi, abantwana bebelindele ukuba le midlalo yahluke kuba bebenamagama ahlukileyo. Ndicinga ukuba bothukile bakuqonda ukuba bonke bathetha ngomdlalo omnye. |

UBhongo wayehambele umakazi wakhe eSoweto ngexesha leKrisimesi, uBulelwa yena eye kubona umakhulu. UElihle yena wayehambele abazala bakhe. Esi sithathu sakhawuleza sangabahlobo.

“Ndidikiwe kukuhlala,” watsho uBulelwa, “masidlale uToti.”

“Andiwazi loo mdlalo ukuba udlalwa njani,” watsho uBhongo, “masidlale uBhathi.”

“Unjani yena uChicago? Ngowona mdlalo umnandi!” watsho uElihle.

“UChicago? Kuvakala ngathi ligama ledolophu, hayi umdlalo,” waqengqa amehlo uBulelwa.

Bahlala phantsi bephikisana ngomdlalo ekufuneka bedlale wona. Baya phambili baphinda babuyela emva, phambili baphinde babuyele emva bephikisana ngowona mdlalo ungcono.




“Kulungile ke!” Ekugqibeleni wanikezela uBulelwa. “Ndicinga ukuba singadlala uBhathi xa ingumdlalo omnandi ngolo hlobo. Udlalwa njani?”

Waphakama uBhongo. “Kulungile, ukuba siza kudlala uBhathi kufuneka sibe neetoti kunye nebhola.”

“Ingathi nguChicago lo umchazayo,” watsho uElihle.

“Kufuneka ube neetoti nebhola naxa udlala uToti,” watsho uBulelwa.




“Kuqala kufuneka senze amaqela amabini. Iqela elinye lilo elisekhaya ze elinye ligibisele ibhola. Iqela elisekhaya kufuneka libaleke lizame ukubeka itoti phezu kwenye itoti ze zibe yinqaba ende,” wacacisa uBhongo. “Emva koko kufuneka babaleke baye kwindawo elikhaya kubo.”

“Le nto uyichazayo ifana noToti!” waphinda uBulelwa.

“Kanti ke ukhona umthetho onjalo nakuChicago,” watsho uElihle.

“Nyhani?” wabuza uBhongo, “Ayiqhelekanga le nto niyithethayo.”



UBhongo waqhuba. “Umsebenzi weqela eligibisela ibhola kukuchana amalungu elinye iqela ngebhola. Amalungu eli qela kufuneka azame ukuphepha angachanwa. Ukuba achaniwe ayaphuma emdlalweni ahlale phantsi.”

“Hee! Le nto ifana ncam noToti,” watsho uBulelwa ekhangeleka ebhidekile.

“Kanti ke oku kufana twatse nakuChicago,” watsho uElihle.

“Nyhani?” wabuza uBhongo. “Akuqhelekanga konke oku ndikuvayo!”



“Kulungile ke, iqela eligibiselayo malinike iqela elisekhaya ibhola. Ilungu ngalinye leqela linamathuba amathathu okugibisela ibhola lizame ukudiliza incochoyi yeetoti,” wacacisa uBhongo.

“Le nto ivakala ngathi nguToti,” watsho uBulelwa. “Ukuba iqela liyichanile incochoyi yeetoti yadilika ingaba lifumana inqaku, nelinye ithuba lokudlala?”

“Ewe,” watsho uBhongo ekhangeleka ebhidekile. “Wazi njani?”

“Lo mdlalo ufana twatse noToti! Ufanele ukuba ngumdlalo omnye,” wahleka watsho uBulelwa.


“Ukwafana noChicago,” watsho uElihle. “Ingaba iyafana nangokuba xa kungekho lungu leqela lizidilizileyo iitoti, iqela eligibiselayo lifumana ithuba lokudlala?”

“Ewe,” watsho uBhongo.

“Loo nto ifana twatse noBhathi!”



“Kulungile ke masihambe siye kuqokelela iitoti,” watsho uBulelwa. Bangena umzi nomzi becela iitoti kubamelwane babo.




Bakufika kumzi wokugqibela kweso sitalato, uBhongo wabuza, “Ningasinceda nisiphe iitoti zokudlala uBhathi?”

Inkosikazi eyayilapho yabaxexela ukuba mabalinde. Yabuya nengxowa ezele ziitoti.

“Beniyazi into yokuba abanye abantu bawubiza ngokuba nguChicago lo mdlalo?” yahleka yatsho, “kanti abanye bathi nguToti! Khawufan’ ucinge!”



Ekugqibeleni babeneetoti ezaneleyo. UBhongo, uBulelwa noElihle bajongana bancuma, “Masidlale uBhathi-Chicago-Toti,” watsho uElihle ehleka.





Ufundo 1

**Liqhubeka phi, nini eli bali ?**
Liqhubeka eSoweto, ngexesha leeholide zeKrisimesi.

**Athini amagama amathathu obizwa ngawo lo mdlalo?**
NguBhathi, uToti, uChicago.

**Kutheni abalinganiswa beli bali bedidekile?**
- Kuba babecinga ukuba bathetha ngemidlalo eyahlukileyo, kanti babethetha ngomdlalo omnye!
- Kuba babecinga ukuba bathetha ngemidlalo eyahlukileyo, kodwa yonke imithetho yomdlalo ngamnye yayifana.
- Kuba babengayazi into yokuba umdlalo wabo abawuthandayo unganamagama awohlukileyo.



Ufundo 2

**Singazithathela njani isigqibo xa silandela ibali, sithi bonke bavela kwiindawo ezahlukileyo?**
- Kuba bonke bahambele amalungu osapho eSoweto.
- Kuba basanda kubonana bakha ubuhlobo.
- Kuba bobathathu bawubiza ngokwahlukileyo lo mdlalo.

**Kufuneka baqokelele ntoni abantwana phambi kokuba babe nokudlala?**
Kufuneka baqokelele iitoti.

**Yintoni eyayibangela ukuba abalinganiswa bahleke ekupheleni kwebali?**
- Kuba kwabathatha ixesha elide kakhulu ukuqonda ukuba bonke babethetha ngomdlalo omnye.
- Kuba bachitha ixesha elide bedidekile.
- Kuba uBhathi-Chicago-Toti ligama elide elingaqhelekanga lomdlalo.

IBALI 6

# UDYABHADYABHA NGOSUKU LWENTLAKOHLAZA

Umxholo: Sidlala phandle





### Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liza kunceda abafundi bakho baqonde ukuba ukudlala phandle kusivumela ukuba sibuke indalo, sonwabe nabahlobo, kwaye sonwabele amasiko akhethekileyo kwiindawo esihlala kuzo.



### Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Yiba nomfanekiso-ngqondweni

- Yintoni: Kukuba nomfanekiso-ngqondweni wento eyenzekayo ebalini.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukwenza ibali livakale linobunyani kwaye linika umdla.
- Inceda njani: Ikunceda uqonde indlela ababonakala ngayo abalinganiswa neendawo kwaye kwenza ibali licace.



### Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Intlakohlaza lixesha lonyaka elilandela ubusika. Intlakohlaza ithetha imozulu eshushwana, iintyatyambo ezidubulayo, ukubonakala kwezinambuzane, nokuphithizela kwezilwanyana. Xa intlakohlaza ifika, singaqaphela iintsuku ezishushwana, amagqabi amatsha emithini, amabhabhathane abhabhayo, neentaka zisakha iindlwane.
- Imozulu kunye namaxesha onyaka zichaphazela indlela abantu abadlala ngayo phandle. Umzekelo, ebusika, abantu basoloko bekhawuleza kuba begodola. Xa imozulu isiba shushwana, banokuchitha ixesha elithe chatha phandle behamba, bedlala, kwaye bebuka.
- Usuku lokuqala kweyoMsintsi lwaziwa ngokuba luSuku lweNtlakohlaza eMzantsi Afrika. Esinye sezithethe esasifudula sisenziwa kwiilokishi ezininzi yayikukuthi quba abantu ngamabhakethi amanzi xa bebuya emsebenzini okanye esikolweni, ze bakhwaze bathi, 'Ixesha leNtlakohlaza!' Esi sithethe besibonisa isiphelo sobusika, nesiqalo sexesha lonyaka elitsha. Oku kusenzeka kwezinye iindawo, kodwa asisaxhaphakanga.
- Ngamanye amaxesha oobhuti, oosisi, nabahlobo badlala imidlalo engenabungozi kunye bezonwabisa. Kweli bali, amanzi yinxalenye yesithethe ngoSuku lweNtlakohlaza, awasiso isohlwayo.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

| Iphepha nomhlathi | Funda | Yithi |
|---|---|---|
| 65,1 | Kodwa ngale mini, ilanga lalibengezela ngokuqaqambileyo. UKatekani wayikhulula ijezi yakhe.<br><br>“Sekuphantse ukuba sehlotyeni,” watsho uKatekani encumile. | Ndiyakwazi ukuzenzela umfanekiso-ngqondweni kaKatekani ebila njengoko ehamba elangeni elishushu. |
| 71,1 | Kanye ngelo xesha uKatekani weva umnakwabo egigitheka. Baguquka babona uKhulani nabahlobo bakhe bemanzi tixi! Bonke babephethe iiemele zamanzi. | Ndinomfanekisongqondweni wobuso bukaKatekani obothukileyo akuva umnakwabo egigitheka. Ebecinga ukuba ukhuselekile - kuthe kanti akunjalo! |

Ngantsasa ithile kungoLwesihlanu, uOlwethu kunye noKatekani baya esikolweni behamba kunye. Yayiziinyanga benxiba iminqwazi kunye neejezi ezingqindilili zobusika. Kodwa ngale mini, ilanga lalibengezela ngokuqaqambileyo. UKatekani wayikhulula ijezi yakhe.

“Sekuphantse ukuba sehlotyeni,” watsho uKatekani encumile.





UOlwethu noKatekani babeqhele ukuhamba ngokukhawuleza ukuze bafudumale. Kodwa namhlanje babecotha. “Jonga!” watsho uOlwethu esima ebukela amabhabhathane agqamileyo anombala weorenji.



“Mamela!” watsho uKatekani, ekhomba amahobohobo esakha indlwana yawo phezulu emthini omkhulu.



“Uyaliva eli vumba?” wabuza uOlwethu esezela umoya. “Zifanele ukuba ziyeza iintyatyambo.”

Ngaloo ntsasa, ukufika kwabo esikolweni uNkszn. Soko wabhala umhla ebhodini.

“Tyhini! Khangelani! Ngumhla wokuqala kuSeptemba - luSuku lweNtlakohlaza!” watsho encumile.

UKatekani wajonga kuOlwethu.

“Yho!” UKatekani washwabula, “Umnakwethu uyathanda ukundifumana ngoSuku lweNtlakohlaza, kufuneka sibaleke sigoduke kwangoko yakubetha intsimbi ukuze angasifumani!”



Kodwa ukukhala kwentsimbi, abahlobo bakaKatekani no-Olwethu bathatha isigqibo sokuhlala badlale.

“Yizani nize kudlala nathi!” UAndiswa wakhwaza njengoko wayebaleka esiya koojingi noThemba.

“Yizani kaloku sidlale,” watsho uOlwethu.

UKatekani wayilibala yonke loo nto yokubaleka agoduke kwangethuba njengoko wayebaleka esiya kudlala nabahlobo bakhe.



Emva kokuba ezi ntombi zidlala ithutyana zabona uNkszn. Soko ephuma egumbini lokufundela. “Nisale kakuhle zintombi!” wakhwaza watsho, “Nibe nosuku olumnandi lweNtlakohlaza!”

“Yho!” wambombozela watsho uKatekani, “Ndiyilibele yonke loo nto yoSuku lweNtlakohlaza! Masihambe Olwethu - kodwa kuza kufuneka silumke.”



Babaleka ukugoduka kodwa uOlwethu wadinwa kwangoko. “Andikwazi ukubaleka umgama omde kangaka!” watsho ephefumlela phezulu.

UKatekani wayebhekabheka enexhala.

“Kufuneka silumke,” utshilo. Bahamba ngokukhawuleza. Abazange bathethe konke konke. Ekugqibeleni, uKatekani wabona ucango lwakhe lwangaphambili, waphefumla nzulu. “Sifikile!” utshilo.



Kanye ngelo xesha uKatekani weva umnakwabo egigitheka. Baguquka babona uKhulani nabahlobo bakhe bemanzi tixi! Bonke babephethe iiemele zamanzi.



UKatekani waphakamisa iingalo zakhe, “Ndiyavuma, ndiyavuma, usifumene!” wahleka. “Noko sivumele nje sothule iingxowa zethu zesikolo.”



Bathi bakuzothula iingxowa zesikolo uOlwethu noKatekani, uKhulani nabahlobo bakhe babaleka ukuza kubo. UOlwethu noKatekani bahleka bakhwaza bengxola njengoko amakhwenkwe ebathi quba ngamanzi.



“Usuku olumnandi lweNtlakohlaza!” watsho uKhulani. Kwagigitheka wonke umntu.





Ufundo 1

**Babona ntoni uKatekani no-Olwethu endleleni eya esikolweni?**
- Babona amabhabhathane anombala weorenji.
- Babona amahobohobo esakha iindlwana zawo.

**Liqhubeka ngowuphi umhla eli bali?**
Liqhubeka ngomhla wokuqala kuSeptemba - ngoSuku lweNtlakohlaza.

**Yintoni eyayibangela ukuba uKatekani no-Olwethu bacothe ukuya esikolweni?**
- Kuba babengadingi kuzama ukuzenza shushu.
- Kuba ekugqibeleni yayiyiNtlakohlaza.
- Kuba baqaphela iimpawu zokutshintsha kwexesha lonyaka.
- Kuba bema babukela amabhabhathane anombala weorenji.
- Kuba bema babukela ihobohobo lisakha indlwana yalo.
- Kuba bema basezela ivumba leentyatyambo.



Ufundo 2

**Benza ntoni uOlwethu noKatekani ukuphuma kwesikolo?**
Badlala nabahlobo phandle.

**Yintoni eyakhumbuza uKatekani ukuba yayiluSuku lweNtlakohlaza?**
Xa ehamba utitshalakazi wakhe wathi, ”Nibe noSuku lweNtlakohlaza olumnandi!”

**Yintoni eyenza uKatekani no-Olwethu bamanzi tixi?**
- Kuba yayilusuku lweNtlakohlaza.
- Kuba kwezinye iindawo eMzantsi Afrika sisithethe soSuku lweNtlakohlaza ukugalela abantu ngee-emele zamanzi.
- Kuba uKatekani no-Olwethu badlala nabahlobo babo ukuphuma kwesikolo endaweni yokubaleka bagoduke.
- Kuba umnakwaboKatekani, uKhulani uyathanda ukumfumana ngosuku lweNtlakohlaza.

# IBALI 7

# IGAMA LAM NGUBUHLEBENDALO



## Umxholo: Siyazithethela



### Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liza kunceda abafundi bakho baqonde ukuba amagama adlala indima ebalulekileyo kubuni bomntu kwaye kulungile ukuthetha uvakalise ngentlonipho xa okuthile kubalulekile kuwe.



### Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Thatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo

- Yintoni: Kukuqikelela izinto umbhali angazicacisanga ngokuthe ngqo, usebenzisa imikhondo esebalini.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuqonda intsingiselo enzulu nemiyalezo efihliweyo.
- Inceda njani: Kukunceda uthathe izigqibo njengoko ufunda, uze uqonde ngcono ibali nabalinganiswa.



### Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Amagama ayinto ebalulekileyo kubuni bomntu. Amagama akhethekile kwaye ngamaxesha amaninzi asoloko enentsingiselo. Iintsapho ezininzi zikhetha amagama ngobuchule, ngothando nangenkathalo. Abantu abaninzi bayaziqhayisa ngamagama abo.
- Abanye abantu banamagama aziziqhulo okanye ashunqulelweyo. Umzekelo, umntwana onguSiphesihle unokubizwa ngokuba nguSihle. Abanye abantu bayawathanda amagama azizishunqulelo, kanti abanye bathanda amagama abo apheleleyo. Abantu kufuneka bazame ukubiza igama lakho ngokuchanekileyo baze bakubize ngegama ofuna ukubizwa ngalo.
- Ngelinye ixesha abantu abadala bathatha izigqibo abangavumelani nazo abantwana. Umntu omdala angacinga ukuba uyanceda, kodwa angaqondi ukuba okuthile kubalulekile kumntwana othile.
- Ukuhlonipha akuthethi ukuthula xa okuthile kubalulekile. Ungathetha kakuhle ngentlonipho ngelixa uxelela umntu indlela oziva ngayo okanye into oyidingayo.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:


| Iphepha nomhlathi | Funda | Yithi |
|---|---|---|
| 81,2 | “Ndiza kuthi Buhle xa ndikubiza,” watsho utitshala, “igama lakho lide kakhulu!”<br><br>UBuhlebendalo akazange afune ukuvakala njengomntu okrwada, ngoko ke wathula akathetha nto. | Ndiyazibuza ukuba kutheni uBuhlebendalo engazange amlungise utitshala wakhe? O, ndizithathela isigqibo ngokusingisele ebalini ukuba kungokuba wayesoyika ukuba utitshala wakhe uza kuba nomsindo okanye acaphuke. |
| 84,1 | Yonke imihla esikolweni uBuhlebendalo wayekukhumbula ukuva ukuvakala kwegama lakhe liphelele. UBuhlebendalo wacinga ngokulungisa utitshala wakhe, kodwa wayengafuni ukuvakala ngathi ungumntwana okrwada. | Ndingazithathela isigqibo esisekwe kulwazi olusuka ebalini ndithi, uBuhlebendalo usoloko ebizwa ngokuba nguBuhle, kodwa ekhaya ubizwa ngegama lakhe elipheleleyo. |

Oko wazalwa, uBuhlebendalo wayebizwa ngumntu wonke kusapho lwakhe ngegama lakhe liphelele: Buhlebendalo. Wayeyithanda indlela elivakala ngayo igama lakhe. Wayethanda ukulibiza ngendlela ecothayo, ilungu legama ngalinye. Kanti wayekuthanda nokulibiza ngokukhawuleza. Wayethanda yonke into ngegama lakhe!



Ngosuku lwakhe lokuqala esikolweni, utitshala kaBuhlebendalo waxelela bonke abafundi ukuba mabeme phandle phambi kwegumbi labo lokufundela. Wathi emva koko utitshala wababiza abafundi, umfundi ngamnye ngexesha, waza wababonisa apho mabahlale khona. Kwidesika nganye yomfundi kwakuncanyathelisiwe umbhalo onegama lakhe.

UBuhlebendalo wayengakwazi nokulinda, efuna ukubona igama lakhe elihle libhalwe kweyakhe idesika.




Ekugqibeleni utitshala wabiza igama lakhe. Walibiza ngokucotha ebiza ilungu legama ngalinye. UBuhlebendalo watsho ngolukaBlankethe uncumo waza waphakamisa isandla.

“Ndiza kuthi Buhle xa ndikubiza,” watsho utitshala, “igama lakho lide kakhulu!”

UBuhlebendalo akazange afune ukuvakala njengomntu okrwada, ngoko ke wathula akathetha nto.



Wathi akuhlala phantsi edesikeni yakhe wabona igama elincanyathiselweyo, lalisithi Buhle. Lalingabhalwanga ngokupheleleyo igama lakhe elihle. Uncumo lukaBuhlebendalo lwanyamalala.




Ethubeni ngaloo mini utitshala kaBuhlebendalo wambiza ukuba aphendule umbuzo. “Buhle!” wakhwaza njalo.

Kodwa uBuhlebendalo lamdlula ithuba lokuphendula kuba akazange aqonde ukuba utitshala ubiza yena.



Yonke imihla esikolweni uBuhlebendalo wayekukhumbula ukuva ukuvakala kwegama lakhe liphelele. UBuhlebendalo wacinga ngokulungisa utitshala wakhe, kodwa wayengafuni ukuvakala ngathi ungumntwana okrwada.



Emva kweevekana ezimbalwa, uBuhlebendalo wabuya nomzobo wakhe ongowona awuthandayo esikolweni wabonisa umama wakhe.

“Hee! Kutheni ulitshintshile nje igama lakho?” wabuza umama wakhe.

“Kaloku bendingenayo enye indlela. Utitshala wam wathi igama lam lide kakhulu. Enye into andifuni kuvakala ngathi ndikrwada,” waphendula uBuhlebendalo.

“Ukuba ufuna ukubizwa ngoBuhle kulungile. Kodwa ukuba akuyithandi loo nto kufuneka umxelele utitshala wakho. Ayibobukrwada obo, unelungelo lokubizwa ngegama lakho elipheleleyo, elihle,” watsho umama wakhe. “Ndiyayiqonda into yokuba inokuba uyoyika ukuxelela utitshala wakho. Ndiza kuza, ndize kuthetha naye egameni lakho.”



Ngosuku olulandelayo, umama kaBuhlebendalo weza naye esikolweni. Bafika phambi kwexesha lokungena kwesikolo. UBuhlebendalo wahamba waya kudlala nabahlobo bakhe abatsha ngeli xesha umama wakhe aya kuthetha notitshala wakhe.



Ukukhala kwentsimbi uBuhlebendalo waziva esoyika. “Ndiya kuthini ukuba utitshala uyandicaphukela ngoku?” Waziva enexhala. Kodwa wathi xa engena kwigumbi lokufundela utitshala wamncumela.

“Molo Buhlebendalo,” wabulisa.



Wathi xa ehlala edesikeni yakhe uBuhlebendalo wafika umbhalo onegama lakhe utshintshiwe. Umbhalo omtsha wawubiza igama lakhe elihle, elipheleleyo: Buhlebendalo.





Ufundo 1

**Yintoni awayelindele ukuyibona edesikeni yakhe uBuhlebendalo?**
Wayelindele ukubona isibonisigama sakhe sinegama lakhe elihle libhalwe ngokupheleleyo.

**Wambiza njani utitshala wakhe uBuhlebendalo?**
Wambiza ngokuba nguBuhle.

**Wayedaniswe yintoni uBuhlebendalo?**
- Kuba wayecinga ukuba igama lakhe elihle liza kubhalwa ngokupheleleyo edesikeni yakhe.
- Kuba utitshala wakhe walishunqula igama lakhe.
- Kuba esikolweni wayengabizwa ngegama lakhe elihle elipheleleyo.



Ufundo 2

**Yintoni eyabangela ukuba utitshala kaBuhlebendalo ambize ngokuba nguBuhle?**
Kuba wayesithi igama lakhe lide kakhulu.

**Waziqondela ntoni umama wakhe ngendlela aziva ngayo uBuhlebendalo akuva konke okuthethwa nguBuhlebendalo?**
Waziqondela ukuba konke oko kwakuthetha ukuba uBuhlebendalo wayeziva esoyika ukuthetha notitshala wakhe.

**Wawutshintshela ntoni utitshala kaBuhlebendalo umbhalo okwisibonisigama ekupheleni kwebali?**
- Kuba umama kaBuhlebendalo waya kuthetha notitshala wakhe.
- Kuba utitshala waqonda ukuba ukhetha ukubizwa ngoBuhlebendalo kunoBuhle.
- Kuba utitshala wayebhale igama elingelilo, ngoko ke kwakufuneka elilungisile.

IBALI 8

# ISIKIPA ESITSHA SIKALUMKA

Umxholo: Siyazithethela





### Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liza kunceda abafundi bakho baqonde ukuba abantu banganomdla kwizinto ezahlukileyo bahluke nangezinto abazikhethayo, kwaye kubalulekile ukubonakalisa umntu onguye ngaphezu kokuziva ubekelwe imida zizinto abanye abantu abacinga ukuba umele ukuzithanda.



### Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Thatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo

- Yintoni: Kukuqikelela izinto umbhali angazicacisanga ngokuthe ngqo, usebenzisa imikhondo esebalini.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuqonda intsingiselo enzulu nemiyalezo efihliweyo.
- Inceda njani: Kukunceda uthathe izigqibo njengoko ufunda, uze uqonde ngcono ibali nabalinganiswa.



### Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Amakhwenkwe namantombazana asoloko enikwa izinto zokudlala ezahlukileyo, iimpahla kunye nemibala. Umzekelo, abanye abantu bacinga ukuba umbala opinki ngowamantombazana kwaye oluhlaza ngowamakhwenkwe. Abantu abohlukileyo baneembono ezahlukileyo ngoku.
- Ngamanye amaxesha abantu bangaxelela abantwana ukuba mabathande kuphela izinto ezithile kuba umntu eyinkwenkwe okanye eyintombazana.. Umzekelo, abanye abantu bangathi ngamakhwenkwe kuphela afanele ukudlala ngeemoto. Abantu abohlukileyo baneembono ezahlukileyo ngoku.
- Eneneni, abantwana bakhetha izinto ezahlukileyo akukhathaliseki nokuba bangamakhwenkwe okanye amantombazana. Abantwana abathandi zinto zifanayo bonke. Umzekelo, abanye abantwana bathanda ukuzoba. Abanye bathanda izilwanyana. Abanye bathanda iidayinaso. Ukuba yinkwenkwe okanye intombazana akuthethi ukuba kufuneka uthande imibala ethile, izinto zokudlala, okanye impahla.
- Ngamanye amaxesha abantu ababini bafuna izinto ezahlukileyo. Xa kuthe kwenzeka oku, banokungakwazi ukufumana kanye oko bakufunayo bobabini. Ukukhawulelana kusisisombululo apho ngamnye unikezela okuncinane ukuze kuvunyelwane ngokuthile.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:


| Iphepha nomhlathi | Funda | Yithi |
|---|---|---|
| 98,1 | “Usibona njani ke esi?” wabuza umakhulu.<br><br>“Kodwa mna andiwuthandi umbala opinki makhulu,” watsho uLumka.<br><br>“Onke amantombazana ayawuthanda umbala opinki,” watsho umakhulu.<br><br>“Kodwa ke mna ndiyintombazana kwaye andiwuthandi,” wacinga njalo uLumka.<br><br>“Kulungile. Masikuthathele isikipa esimhlophe esingenamzobo ke,” watsho umakhulu. | Ndingazithathela isigqibo esisekwe kulwazi olusuka ebalini ndithi, uLumka udikiwe kuba umakhulu umxelele ukuba angazikhethela isikipa, kodwa uthi hayi kuzo zonke izikipa ezithandwa nguLumka. |
| 98, umfanekiso | Khomba umfanekiso | Jonga ubuso bukaLumka emfanekisweni. Oku kuyandinceda ukuba ndizithathele isigqibo ndithi udikiwe. |

KwakungoMgqibelo, uLumka nomakhulu wakhe babesiya ezivenkileni. “Lumka, yiza sihambe!” wakhwaza njalo umakhulu. Wangena ekhitshini ebaleka uLumka.

Bangena endleleni. Badlula iihagu zisitya ecaleni kwendlela. Badlula amantombazana athile edlala ugqaphu. Babona nomama owayesoneka iimpahla zakhe.



Ekugqibeleni bafika endleleni enkulu. Kwakungekudala ukuba ifike iteksi yabo.



ULumka wayejonge efestileni yonke loo ndlela. Wabona ubugoxo bemoto. Wabona iigusha.



Emva koko wabona iimpawu ezininzi eziqhakazileyo. Babefikile edolophini!





Yemisa iteksi. “Yehlika sihambe,” watsho umakhulu.



Baqala baya ebhankini. Emva koko baya eposini. Bagqibela ngokuya kwivenkile yeempahla.

“Ndiza kuthengela into entsha. Hamba uye kuzikhethela Lumka,” watsho umakhulu.



“Ndiyayithanda le,” watsho uLumka ekhomba isikipa esiluhlaza esinomfanekiso kamaginyinyathi neempondo ngaphambili.

“Sesamakhwenkwe eso,” watsho umakhulu.

“Kodwa ndiyabathanda nam oomaginyinyathi neempondo,” waphendula uLumka.

“Ujonge kwicandelo leempahla zamakhwenkwe,” watsho umakhulu.

“Oo! Ndiyasithanda esi!” watsho uLumka ebona isikipa esinomfanekiso wetraki ngaphambili. Umakhulu wanikina intloko. “Ngoba?” wabuza uLumka. Umakhulu wahamba wamshiya.



"Usibona njani ke esi?" wabuza umakhulu.

"Kodwa mna andiwuthandi umbala opinki makhulu," watsho uLumka.

"Onke amantombazana ayawuthanda umbala opinki," watsho umakhulu.

"Kodwa ke mna ndiyintombazana kwaye andiwuthandi," wacinga njalo uLumka.

"Kulungile. Masikuthathele isikipa esimhlophe esingenamzobo ke," watsho umakhulu.



Ukufika kwakhe ekhaya uLumka wayishiya phezu kwetafile ekhitshini loo bhegana yeplastiki yayinesikipa waya kuzivalela egumbini lakhe lokulala. Wafika wahlala phezu kwebhedi wanomfanekiso wezikipa ezihle azibone edolophini.

Wangena umama kaLumka egumbini lakhe ephethe isikipa esitsha ngesandla.

“Lumka ingaba nguwe lo ukhethe esi sikipa?” wabuza njalo.

 ULumka wamchazela umama wakhe konke okwenzeke edolophini kwivenkile yeempahla.



“Ndiyakuva, mamela nali icebo,” watsho umama wakhe. Waphuma waza wabuya ephethe iikoki ezimibalabala. “Ungazoba into oyithandayo kwisikipa sakho ngezi koki,” watsho umama kaLumka. Wathi akucinga ngezikipa azibone edolophini uLumka waqalisa ukuzoba.



Kwathi ngexesha lesidlo sangokuhlwa uLumka wakhwazwa ngutata wakhe. Wathatha isikipa sakhe wasinxiba. Wathi akuzijonga esipilini wakuthanda oko wayekubona! Waphuma ebaleka ukuya ekhitshini.



ULungiswa akubona isikipa sikaLumka walatha umfanekiso wathi, “Nam mama ndifuna isikipa esifana nesikaLumka!” ULumka nomama wakhe bajongana bancuma. Icebo labo lisebenzile!





Ufundo 1

**Wayefuna isikipa esinjani uLumka?**
Wayefuna isikipa sikamaginyinyathi neempondo okanye isikipa semoto.

**Waphela ethengelwa esiphi isikipa uLumka ngumakhulu?**
Umakhulu wathenga isikipa esimhlophe esingenamzobo.

**Yintoni ekwenza uthathe isigqibo ngokulandela ibali uthi uLumka akonwabanga ngesikipa sakhe esitsha?**
- Ubonakala ekhathazekile evenkileni.
- Ushiya ipasilana yakhe phezu kwetafile.
- Uhlala phezu kwebhedi yakhe ebonakala ekhathazekile.
- Uchazele umama wakhe ngako konke okuthe kwehla.
- Uzobe kwisikipa sakhe esenza sikhangeleke sihle kuba ebengasithandi isikipa asikhethelwe ngumakhulu.



Ufundo 2

**Abavisisani ngantoni uLumka nomakhulu wakhe?**
- Abavisisani ngesikipa emasifunyanwe nguLumka.
- Abavisisani ngezinto ezithandwa ngamakhwenkwe namantombazana.

**Wenza ntoni umama kaLumka ukumnceda azive ngcono?**
- Uyamamela xa uLumka eziva engonwabanga.
- Umnika iikoki.
- Umchazela ukuba angazoba nantoni na ayifunayo.

**Kwakutheni ukuze uLumka azive ekhathazekile emoyeni?**
- Kuba umakhulu akazange amvumele kuzo zonke izikipa awayezikhetha.
- Kuba umakhulu wamxelela ukuba izinto awayezithanda zezamakhwenkwe.
- Kuba umakhulu wamxelela ukuba kufuneka awuthande umbala opinki.
- Kuba umakhulu akazange amvumele uLumka ukuba akhethe into ayithandayo.

